| PF 2:UKUTHETHA<br>GH 4:Thatha inxaxheba kwingxoxo yeklasi neyeqela ngo-<br>• Kuqalisa isihloko kwingxoxo yeqela:<br>• Kunikana amathuba ,nokubuza imibuzo esemxholweni:<br>• Ucebisa nokwandisa iingcinga:[UMSEBENZI WOHLOLO 1]<br>• Kubonisa uvakalelo kumalungelo neemvakalelo zabanye:<br>• Kubuza imibuzo efuna ingcaciso nolwazi: | **KWESI SIFUNDO**<br>PF 4:Ukubhala<br>GH 3,5:Yila umsebenzi ngokwenza mabali alula/ingcaciso yamava akhe/iziganeko.<br><br>PF 5:Ukucinga nokuqiqa<br>GH 1:Sebenzisa ulwimi ukwandisa isigama ngokuqonda nokusebenzisa ulwimi lwengqiqo lweenkalo zezifundo ezahlukeneyo ezifuneka kulo mgangatho nokulungiselela umgangatho olandelayo. | **<u>Umsebenzi 1</u>**<br>Abafundi baqokelela iingcinga ngesifundo abaza kuxoxa ngaso ngokubuzwa ngutitshala ngeendawo esifumana kuzo amanzi.<br>Banikana amathuba okuthetha bebuzana imibuzo esemxholweni bezathuza ngendlela ebonisa imbeko.<br><br>**<u>Umnsebenzi 2</u>**<br>Abafundi benza uphando beqwalasela zonke izinto ezisebenzisa amanzi baqikelele ukuba into |

| | | |
|---|---|---|
| • Kuphendula imibuzo nokunika izizathu zeempendulo:<br>• Kunika ingxelo yomsebenzi.<br><br>GH 5:Sebenzisa iindlela zokusombulula iingxaki. | PF 6:Ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi<br>GH 4,2:Sebenza ngezicatshulwa ngokulandelelanisa isicatshulwa ngokusebenzisa amagama afana: kwaze xa bebalisa<br><br>**KWEZINYE ZIFUNDO**<br><br>**INZULULWAZI NGEZOQOQOSHO NOLAWULO**<br>PF 2:Ukugcina ukukhula nophuhliso<br>GH 1:Abelana ngezizathu zokuba kutheni amalungu osapho ephangela okanye engaphangeli<br><br>**INZULULWAZI NGEZENTLALO**<br>PF 2:Ingqiqo nolwazi lwembali<br>GH 1:Qonda umahluko phakathi kwexesha eladlulayo nelangoku,ngoko nangoku. | nganye isebenzisa amanzi angakanani.<br>Abafundi banika ingxelo ngophando lwabo.umz:kuqwalaselwa indlela amanzi asetyenziswa ngayo esikolweni neendlela ekunokuthi kuncitshiswe ngazo ukuzisebenzisa.(ukungciba iitepu ezivuzayo,ukunkcenkceshela ngesinkcenkcesheli endaweni yethumbu)<br>**<u>Umsebenzi 3</u>**<br>Abafundi banikwa isicatshulwa esithetha ngolondolozo lwamanzi basifunde kumaqela abo. Bakhetha izandi ezingaqhelekanga bakhe ngazo amagama umz:nkc-nkcenkceshela/inkcukacha .<br><br>**<u>Umsebenzi 4</u>**<br>Abafundi baxoxa baphendule imibuzo ebhekiselele kumabali ayinyani abawafundileyo umz:umfundi owasindiswa ngomnye umfundi erhaxwa ngamanzi awayequbha kuwo edamini/elwandle<br>Abafundi baphefumlelana/becebisana ngeendlela ezifanelekileyo zokuqubha elwandle/edamini. |

| | | |
|---|---|---|
| | **ISIFUNDO NGEZOBOM**<br>PF 1:Ukuphucula ezempilo<br>GH 3:Chonga izifo ezosulelayo nokucacisa okunokwenziwa ukuzikhusela nokukhusela abanye.<br><br>PF 3:Ukuziphuhlisa<br>GH 3:Bonisa kunye nokuxoxa iimvakalelo zakhe ezichukumisekayo kwiimeko ngeemeko.<br><br>**IMATHEMATIKA**<br>PF 1:Amanani,ukubala nolwalamano<br>GH 12:Khangela izisombululo zeengxaki ezinikwe ngabalingane<br><br>**UBUGCISA NENKCUBEKO**<br>PF 1:Ukuyila,ukutolika nokwazisa<br>**Dityaniswa**<br>GH 1:Ukuphendula kumabali, imifanekiso,imihobe namava eenkcubeko kummandla okhoyo njengesivuseleli | Utitshala nabafundi baxoxa ngoncedo lokuqala abanokulisebenzisa kwiimeko ezinjalo.<br><br>**<u>Umsebenzi 5</u>**<br>Abafundi banikwa isicatshulwa esineendlela zokuqokelela/londoloza amanzi bachonge ezo ndlela bazibhale ezincwadini zabo banike ingxelo.<br><br>**<u>Umsebenzi 6</u>**<br>Utitshala uxhoma umfanekiso wamadoda abukele umatshini usimba idama lamanzi/ifektri apho kuboniswa oomatshini besika bepakisha amalaphu.<br>Kuxoxwa ngalo mfanekiso kuthelekiswe nemeko yokuphangela nokungaphangeli kwabantu.<br>Emva koku umfundi ngamnye uqamba umbongo/ umhobe ingoma ngemeko yokuphangela nokungaphangeli kwabantu. |

| | | |
|---|---|---|
| | sokwazisa isakheko sobugcisa.<br><br>PF 3:Ukuthabatha inxaxheba nentsebenziswano<br>**Dityaniswa**<br>GH 1:Ukumamela nokwabelana ngamava eenkcubeko ezahlukeneyo nezifanayo. | |
| **IMISEBENZI YOHLOLO:**<br>Ukubhala<br>Ezomlomo<br>Ukudlala/ukulinganisa<br>**INDLELA YOHLOLO:**<br>Utitshala<br>Abafundi<br>Amaqela<br>**IZIXHOBO ZOHLOLO:**<br>Incwadi yokubonwayo<br>Itshekhilisti | **IZIXHOBO ZOKUFUNDA NOKUFUNDISA:**<br>Ibali/incwadi yokufunda<br>Isicatshulwa<br>Amaphepha okubhala<br>Iincwadi zokurekhodisha<br>Oonotsheluza<br>Imitha yamanzi | |
| **IZITHINTELO ZOKUFUNDA:** | | |
| **OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA:** | | |

**UYILO LWESIFUNDO 3**

**IBANGA 2** **IIYURE NGEMINI:1 IYURE,50 IMIZUZU** **IXESHA LILONKE: 18 IYURE,20 IMIZUZU**

**UMHLA EKUQALWE NGAWO……..UMHLA EKUGQITYWE NGAWO……….INANI LEENTSUKU:10**

**UMXHOLO WESIFUNDO:INKCUBEKO** **ISIHLOKO SESIFUNDO: UNYAMEZELWANO**

**IKOTA:3**

| **ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA** | **UNXULUMANISO** | **IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA** |
|---|---|---|
| PF 3:**UKUFUNDA NOKUBUKELA**<br>GH 3**:**Phuhlisa intsingiselo yesicatshulwa ngo –<br>• Kuzifundela ibali okanye balifunde notitshala kwaye<br>✓ Kuchazwe ingcinga eyintloko,<br>✓ Kuchongwe iinkcukacha eziphambili(abalinganiswa abaphambili,ukulandelelana kweziganeko,iindawo)[,UMSEBENZI WOHLOLO 2 &3]<br>✓ Kuchongwe nokuxoxa | **KWESI SIFUNDO**<br>PF 1:Ukumamela<br>GH 3:Mamela ngolonwabo amabali amafutshane,imibongo,iingoma kunye nezinye izicatshulwa zomlomo babonise ingqiqo ngo-<br>o Kuphendula imibuzo malunga nesicatshulwa;<br>o Kusebenza intsusa nesiphumo.<br><br>PF 2:Ukuthetha<br>GH 4,5:Kubuza imibuzo efuna ingcaciso | <br>**<u>Umsebenzi 1</u>**<br>Utitshala ufunda nabafundi ibali abuze imibuzo kwaye kuxoxwe ngebali elifundiweyo. Ugxininisa kwizandi ,amagama aqhelekileyo nalawo angaqhelekanga.<br><br>**<u>Umsebenzi 2</u>**<br>Abafundi bachonga iinkcukacha eziphambili,ingcinga engundoqo,abalinganiswa abaphambili nokulandelelana kweziganeko |

| | | |
|---|---|---|
| ✓ ngokuxabiseka kwenkcubeko esebalini,<br>✓ Kuchongwe izizathu neziphumo(kutheni into isenzeka ebalini),<br>✓ Kwenza izigqibo,<br>✓ Kuvakalisa ukuba bayalithanda na ibali okanye hayi kwaye bazathuze.<br>• Kufunda izicatshulwa kwinqanaba elinobunzima (iincwadi zeentsomi nezibalisa okuyinyaniso ezilula,amacwecwe okubulisa,iiphazili zamagama njl .njl.)<br><br>GH 6:Fundela ulwazi nolonwabo ngo-<br>o Kufunda iincwadi zemifanekiso namabali alula akhethwe nguye:<br>o Kubonisa ukuxabiseka kwamabali kwiinkcubeko ezahlukeneyo:<br>o Kuqala ukusebenzisa isichazi-magama ukujonga upelo nentsingiselo yamagama: | nolwazi.<br><br>PF 4:Ukubhala<br>GH 3,1:Yila umsebenzi ngokubhalela iinjongo ezahlukeneyo.<br><br>PF 6:Ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi<br>GH 6:Phuhlisa ingqiqo yolwimi enzulu ngokuxoxa ngamagama asoloko esetyenziswa ukuchaza amakhwenkwe[amandla,ubuhle]kuxoxa iimpembelelo zezinkcazelo nokuba olu lwimi lumele<br><br>**KWEZINYE ZIFUNDO**<br><br>**INZULULWAZI NGEZOQOQOSHO NOLAWULO**<br>PF 2:Ukugcina ukukhula nophuhliso<br>GH 1:Abelana ngezizathu zokuba kutheni amalungu osapho ephangela okanye engaphangeli | neendawo,banike iimvakalelo zabo ngebali nezizathu zokulithanda okanye ungalithandi(konke oku bakwenza bephendula kwiincwadi zabo zokubhala)<br><br>**<u>Umsebenzi 3</u>**<br>➢ Abafundi bafunda ngokutyibilika okukhulu nangendlela efanelekileyo<br>➢ Baphendula imibuzo ekwinqanaba eliphezulu esekelwe kumhlathi ofundiweyo<br>➢ Bafikelela kwizigqibo baze banike imbono yabo ngabakufundileyo.<br>➢ Utitshala uza nomzekelo wesimemo kuxoxwe ngaso.<br>➢ Utitshala nabafundi bayila isimemo kwitshati/ebhodini.<br>➢ Umfundi ngamnye uyila isimemo encwadini yakhe.<br>**<u>Umsebenzi 4</u>**<br>Abafundi basebenza ngokwamaqela bexoxa ngezinto ezibenza bangevi kamnandi |

| | | |
|---|---|---|
| o Kufunda izicatshulwa ezininzi ukuzonwabisa(umz:iimagazini,iincwadi eziyinyaniso ezihlekisayo). | **INZULULWAZI NGEZENTLALO**<br>PF 2:Ingqiqo nolwazi lwembali<br>GH 1:Qonda umahluko phakathi kwexesha eladlulayo nelangoku,ngoko nangoku.<br><br>**ISIFUNDO NGEZOBOM**<br>PF 3:Ukuziphuhlisa<br>GH 3:Bonisa kunye nokuxoxa iimvakalelo zakhe ezichukumisekayo kwiimeko ngeemeko.<br><br>**IMATHEMATIKA**<br>PF 1:Amanani,ukubala nolwalamano<br>GH 12:Khangela izisombululo zeengxaki ezinikwe ngabalingane<br><br>**UBUGCISA NENKCUBEKO**<br>PF 1:Ukuyila,ukutolika nokwazisa<br>**Dityaniswa**<br>GH 1:Ukuphendula kumabali, imifanekiso,imihobe namava eenkcubeko kummandla okhoyo njengesivuseleli sokwazisa | emiphefumlweni.<br><br>**<u>Umsebenzi 5</u>**<br>Abafundi banikwa umfanekiso weembuso ezibonisa iimvakalelo ezahlukeneyo ukuze baxoxe ngazo bechaza ubuso ngabunye ukuba buthetha ntoni.<br><br>**<u>Umsebenza 6</u>**<br>Bekhokelwa sisicatshulwa ebebesifundile apho kukho umlinganiswa obephiwe isipho babhalela umhlobo bebulela isipho esenze imini emnandi kakhulu.<br><br>**<u>Umsebenzi 7</u>**<br>Utitshala unika abafundi ipowusta enabantu abanxibe ngokwenkolo/inkonzo zabo baxoxe ngayo.<br>Umz:bajonga iindawo abangenela kuzo,izinxibo zabo,indlela abakhonza ngayo nendlela abamele ukunyamezela ngazo. |

| | | |
|---|---|---|
| | isakheko sobugcisa.<br><br>PF 3:Ukuthabatha inxaxheba nentsebenziswano<br>**Dityaniswa**<br>GH 1:Ukumamela nokwabelana ngamava eenkcubeko ezahlukeneyo nezifanayo. | <br><br>**<u>Umsebenzi 8</u>**<br>Abafundi banikwa amagama amatsha abawafundileyo bawakhangele kwizichazi-magama bandile ukuwakhuphela kwizichazi-magama zabo.<br>Utitshala unika abafundi iphazili equka amagama amatsha abafunde ngawo bayisombulule.<br>Abafundi banikwa umsebenzi wasekhaya bayokufunda iincwadi zamabali. |
| **IMISEBENZI YOHLOLO:**<br>Ezomlomo<br>Ukubhala<br>**INDLELA YOHLOLO:**<br>Utitshala<br>Abafundi<br>Amaqela<br>**IZIXHOBO ZOHLOLO:**<br>Irubhrikhi<br>Isikali solinganiso | **IZIXHOBO ZOKUFUNDA:**<br>Ibali/isicatshulwa<br>Oonotsheluza<br>Iincwadi zokubhala<br>Iincwadi zokufunda<br>Umfanekiso<br>Isakhelo sezicatshulwa ezifundiswayo.<br>Isichazi-magama<br>Izichazi-magama zabo<br>Ipowusta | |

| | |
|---|---|
| **IZITHINTELO:** | |
| **OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA:** | |

**UYILO LWESIFUNDO 4**

**IBANGA 2** **IIYURE NGEMINI:1 IYURE,50 IMIZUZU** **IXESHA LILONKE: 18 IYURE,20 IMIZUZU**

**UMHLA EKUQALWE NGAWO……..UMHLA EKUGQITYWE NGAWO……….INANI LEENTSUKU:10**

**UMXHOLO WESIFUNDO:EZENKCUBEKO** **ISIHLOKO SESIFUNDO: INTLALO**

**IKOTA:3**

| **ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA** | **UNXULUMANISO** | **IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA** |
|---|---|---|
| PF 4:**UKUBHALA**<br>GH 3:Yila umsebenzi ngo-<br>o Kubhalela iinjongo ezahlukeneyo izicatshulwa ezifutshane ngo:<br>o Luhlu olufana nemisebenzi yeveki:<br>o Kwenza izicatshulwa ezilula ezibonisayo njengamacwecwe okubulela neeleta [UMSEBENZI WOHLOLO 2&4]<br>o Kwenza izicatshulwa ezilula njenge | **KWESI SIFUNDO**<br>PF 2: Ukuthetha<br>GH 3: mamela ngolonwabo amabali amafutshane, imibongo, iingoma kunye nezinye izicatshulwa zomlomo babonise ingqiqo ngo-<br>o Kumamela iinkcukacha<br>o Kwazisa ukulandelelana kweziganeko/ iingcinga kwisicatshulwa<br>PF 3: Ukufunda nokubukela | **<u>Umsebenzi 1</u>**<br>Umfundi udwelisa zonke izinto azakuzenza ngempela-veki. Umz:<br>**NgoMgqibelo**<br>Ngentsimbi yesibhozo kusasa :Ndizakuya kubaleka<br>Ngentsimbi yethoba kusasa:Nditya isidlo sakusasa<br>Ukusukela kwintsimbi yeshumi ukuya |

| | | |
|---|---|---|
| resiphi:<br>o Kwenza amabali alula/ingcaciso yamava akhe/iziganeko:<br>o Kwenza imihobe neengoma:[UMSEBENZI WOHLOLO 2&4]<br>o Kubhala isihloko esiphuhlisa umxholo<br><br>GH 4:Hlaziya umsebenzi ngo-<br>o Kuxoxa ngobhalo lwakho nolwabanye ukufumana okanye ukunika ingxelo;<br>o Kwenza iinzame zokuchokela/nokuhlela imibhalo yabo(ukushiya okanye ukongeza amagama ukucacisa intsingiselo, aze akorekishe upelo neziphumlisi);<br>o Kuhlaziya umsebenzi wakho emva kokuthetha nabanye<br>GH 5: Papasha imisebenzi ngo-<br>o Kwabelana ngomsebenzi nabanye ngokufundela ngaphamdle okanye ukwenza umboniso wokubhaliweyo | GH 3.2: Phuhlisa intsingiselo yesicatshulwa esibhaliweyo ngokufunda izicatshulwa kwinqanaba elinobunzima( iincwadi zeentsomi nezibalisa okuyinyaniso ezilula, imiyaleli elula, amacwecwe okubulisa, iiphazili zamagama njl.njl.)<br>PF 5: Ukucinga nokuqiqa<br>GH 1: Sebenzisa ulwimi ukwandisa isigama ngokuqonda nokusebenzisa ulwimi lwengqiqo lweenkalo zezifundo ezahlukeneneyo ezifuneka kulo mgangatho nokulungiselela umgangatho olandelayo.<br>PF 6: Ukwakhiwa nokusetyenziswa kolwimi<br>GH 1: nxulumanisa izandi koonobumba namagama ngokusebenzisa izandi ukupela amagama angaqhelekanga<br>GH 2.3: Kupela amagama aqhelekileyo<br>GH 2.4: Kusebenzisa isichazi-magama ukuqinisekisa upelo<br>GH 4.3: Kuchonga iimpawu zeentlobo zesicatshulwa ezahlukeneyo( umz: ibali, imiyalelo). | kweyokuqala:Ndiza kuncedisa umama ukucoca ikkaya.<br>Ngentsimbi yesibini:…………………..<br>Ngentsimbi yesithathu:…(njl njl)<br><br>**NgeCawe**<br><br>**<u>Umsebenzi 2</u>**<br>Abafundi bafunda isicatshulwa esingomama ohamba nomntwana wakhe esiyo kumthengela isipho somhla wokuzalwa kwakhe.<br>Umfundi uzoba ikhadi yesimemo ememela umhlobo wakhe kwitheko lakhe lokuzalwa. Ubhala igama lomhlobo wakhe ngaphakathi ekhadini.<br>**<u>Umsebenzi 3</u>**<br>Basebenzisa oonobumba abasisihloko besakha umbongo wabo(umz: mna ndiyinkomo mhuuuu! Mna ndiyinkukhu kokoko…koko! Koko njl. njl.<br>**<u>Umsebenzi 4</u>**<br>.Utitshala unika abafundi umsebenzi wophando,bephanda ngezinxibo ezahlukeneyo |

| | | |
|---|---|---|
| eklasini;<br>o Kwenza iincwadi zabo okanye ingqokelela yeklasi | **KWEZINYE IZIFUNDO**<br>**UBUGCISA NENKCUBEKO**<br>PF 1: Ukuyila, ukutolika nokwazisa<br>**Cula**<br>GH 1.2: Ukucula iingoma ezivela kwimeko-bume ekhoyo<br>**ISIFUNDO NGEZOBOMI**<br>PF2: Ukuphuhlisa ezentlalo<br>GH5: Chaza imihla ebalulekileyo kwiinkolo ezahlukeneyo<br>**IMATHEMATIKA**<br>PF4: Umlinganiselo<br>GH 5: Chonga imihla ebalulekileyo kwikhalenda ukuquka imihla:<br>o Yemisitho yenkolo<br>o Iziphumo zembali<br>GH 6: Qikelela, ukulinganisa, ukuthelekisa nokulandelelanisa izinto ezingumlinganiselo wesithathu besebenzisa imilinganiselo engekho sikweni nomgangatho:<br>o Umthamo( umz: amacephe.neekomityi | zoomama kwiintlanga ngeentlanga zomZantsi Afrika bencedisa ngemifanekiso.<br>.Abafundi babuya banike ingxelo kumaqela abo ze iqela lihlaziye ubhalo lwalo emva kokuthetha nabanye.<br>.Iqela ngalinye linika ingxelo lisenza nomboniso wezinxibo zoomama kwiintlanga ngeentlanga.<br><br>**Umsebenzi 5**<br>Amaqela aqokelela intlanganisela yamakhadi ayo ukuze kwenziwe incwadi yeklasi.<br><br>**Umsebenzi 6**<br>o Kufundwa ibali elingokuya kuthenga izinto zokutya evenkileni(iziqhamo, ibhotolo ,amaqanda njl njl)<br>o Utitshala nabafundi bakhetha izinto abanokwenza ngazo ikeyiki kwizinto ebeziyokuthengwa.<br>o Ngezi zinto zikhethiweyo kwenziwa iresiphi yekeyiki kwisakhelo seresiphi<br>o Abafundi banikwa umfanekiso |

| | | |
|---|---|---|
| | **ITEKNOLOJI**<br>PF 1: Izakhono neenkqubo zeTeknoloji<br>**Yila ngo-**<br>GH 1: kukhetha izixhobo ezifanelekileyo okanye izinto zokwenza imveliso nokucebisa ezinye iindlela ezinokusetyenziswa ukwanelisa ingxaki, isidingo okanye ithuba | onomgubo wesonka ,iswekile ,ubisi ,ibhotolo ,kunye negwele umfundi ngamnye enze iresiphi yesonka esiza kulingana abantu abane. |
| **IMISEBENZI YOHLOLO:**<br>Ezomlomo<br>Ukubhala<br>Ukwenza/ukulinganisa<br>INDLELA ZOHLOLO:<br>Utitshala<br>Amaqela<br>Umfundi<br>IZIXHOBO ZOHLOLO:<br>Irubhrikhi<br>Itshekhilisti<br>Isikali sokulinganisa | **IZIXHOBO ZOKUFUNDA NOKUFUNDISA:**<br>Isicatshulwa/ibali<br>Ikhadi yesimemo<br>Iikhrayoni<br>Ipowusta yezilwanyana<br>Iimagazini<br>Izikere<br>Izincamathelisi<br>Amaphepha angqingqwa<br>Umfanekiso womgubo wengqolowa ,ibhotolo ,njl njl<br>Isakhelo seresiphi | |
| **IZITHINTELO ZOKUFUNDA** | | |
| **OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA** | | |

**UYILO LWESIFUNDO 5**

**IBANGA 2 IIYURE NGEMINI:1 IYURE,50 IMIZUZU IXESHA LILONKE: 18 IYURE,20 IMIZUZU**

**UMHLA EKUQALWE NGAWO……..UMHLA EKUGQITYWE NGAWO……….INANI LEENTSUKU:10**

**UMXHOLO WESIFUNDO:INKCUBEKO ISIHLOKO SESIFUNDO:IZITHETHE NAMASIKO**

**IKOTA:3**

| **ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA** | **UNXULUMANISO** | **IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA** |
|---|---|---|
| **PF 5: UKUCINGA NOKUQIQA**<br>GH 3: Sebenzisa ulwimi ekuphandeni nasekuphonononongeni ngo-<br>o Kubuza imibuzo nokufuna ingcaciso, anike izisombululo nezinye iindlela zokusombulula;<br>o Usebenzisa ulwazi malunga nemvelaphi yezicatshulwa ukukhetha izixhobo | **KWESI SIFUNDO**<br>PF 2: Ukuthetha<br>GH 6: sebenzisa ulwimi olufanelekileyo kwiinjongo ezahlukeneyo(ukuxolisa, ukumema) nakubantu abahlukeneyo ( udliwano-ndlebe nabantu nokulinganisa)<br><br>PF 6: phuhlisa ingqiqo yolwimi enzulu ngo- | <u>**Umsebenzi 1**</u><br>Utitshala uvulela unomathotholo abafundi bamamele udliwano-ndlebe oluqhubekayo.<br>Utitshala ubuza imibuzo kubafundi umz;ngobani abathetha apha?Baxoxa ngantoni?<br>Utitshala unika abafundi isihloko baxoxe ngaso ukulungiselela udliwano-ndlebe. |

| | | |
|---|---|---|
| ezisemxholweni kwaye akwazi ukunika izizathu zokhetho<br><br>GH 4: Sebenzisa ubuchule obulula bokufumana nokurekodisha ulwazi(umz: uphando kwithala leencwadi encedwa ngumntu omdala okanye umfundi)<br>GH 5 : Lungisa ulwazi ngo-<br>o Kukhetha ulwazi kwisicatshulwa nokulungisa;[UMSEBENZI WOHLOLO 4]<br>o Kucwangcisa ulwazi kwizimo zegrafu ezilula( umz: itshati, ithayimthebhuli) | GH 6:kuxoxa ngamagama asoloko esetyenziswa ukuchaza amakhwenkwe namantombazana (amandla, ubuhle). Kuxoxa iimpembelelo zezi nkcazelo nokuba olu lwimi lumele ukusetyenziswa nokuba lungasetyenziswa.<br>PF 4: Ukubhala<br>GH 3: Yila umsebenzi ngokubhalela iinjongo ezahlukeneyo izicatshulwa( umz: ukucwangcisa ulwazi kwizimo zegrafu<br><br>**KWEZINYE IZIFUNDO**<br>**IMATHEMATIKA**<br>PF 1: Amanani, Ukubala noLwalamano<br>GH 7: sombulula nokucacisa izisombululo kwiingxaki ezibandakanya ukwabelana ngokulinganayo nokuhlanganisa kwaye kukhokelele kwizisombululo eziquka namaqhezu<br>PF 5: Ukusebenza ngolwazi<br>GH 3: nika izizathu zengqokelela ehlanganiswe ngeendlela ezithile | **Umsebenzi 2**<br>Abafundi ngababini balinganisa udliwano-ndlebe.<br>Abafundi benza udliwano-ndlebe nomntu omdala bephanda ngamagama asoloko esetyenziswa ukuchaza amakhwenkwe namantombazana( ubuhle ;inzwana – inzwakazi;)<br>**Umsebenzi 3**<br>Utitshala ufundela abafundi ibali elingokuziphatha kwiinkcubeko ezahlukeneyo zaseMzantsi Afrika. Abafundi bakhetha iiyantlukwano kwiinkcubeko ekufundwe ngazo.<br>**Umsebenzi 4**<br>Abafundi bacwangcisa ulwazi abalukhethileyo kwizimo zegrafu.<br>**Umsebenzi 5**<br>Abafundi babhala umsebenzi onamagama achaza umahluko kumagama achaza umahluko phakathi kwamakhwenkwe namantombazana umz:inzwana inzwakazi.<br>**Umsebenzi 6** |

| | | |
|---|---|---|
| | GH 4: zoba igrafu-mifanekiso neegrafu ezinongqinelwano kwisi-1-1 phakathi kolwazi lwabo nokwazisa<br>**INZULULWAZI NGEZENTLALO**<br>PF 1: Ukuphanda ngezeJografi<br>GH1: Qwalasela nokurekodisha izinto ezenziwa ngabantu kwiindawo ezahlukeneyo( ukusebenza ngemithombo)<br>**ISIFUNDO NGEZOBOMI**<br>PF 2: Ukuphuhlisa ezentlalo<br>GH 4: Chonga ukuxabiseka nokuziphatha kwiinkcubeko ezahlukeneyo zaseMzantsi Afrika | Abafundi bazikhethela ibali bachonge baxoxe ngokuxabiseka kwenkcubeko abayifunde ebalini.<br>**Umsebenzi 7**<br>Abafundi basebenzisa izichazi-magama ukukhangela amagama amatsha abawafundileyo bandule ukubhala kwizichazi-magama zabo.<br>**Umsebenzi 8**<br>Abafundi bazoba uluhlu lwezinto abazenzayo ngokwamaxesha okuphuma kwesikolo. |
| **IMISEBENZI YOHLOLO:**<br>Ezomlomo, Ukubhala, Ukulinganisa<br>**IINDLELA ZOHLOLO:**<br>Utitshala<br>Abafundi<br>Umlingane<br>**IZIXHOBO ZOHLOLO:**<br>Irubhrikhi<br>Itshekhilisti<br>Incwadi yokubonwayo | **IZIXHOBO ZOKUFUNDA NOKUFUNDISA**<br>Unomathotholo<br>Umntu omdala<br>Ibali<br>Igrafu<br>Izichazi-magama<br>Izichazi-magama zabo | |

| | |
|---|---|
| **IZITHINTELO ZOKUFUNDA** | |
| **OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA** | |

**UYILO LWESIFUNDO 6**

**IBANGA 2** **IIYURE NGEMINI:1 IYURE,50 IMIZUZU** **IXESHA LILONKE: 18 IYURE,20 IMIZUZU**

**UMHLA EKUQALWE NGAWO……..UMHLA EKUGQITYWE NGAWO……….INANI LEENTSUKU:10**




**UMXHOLO WESIFUNDO: IZILWANYANA** **ISIHLOKO SESIFUNDO: IZILWANYANA ZASEKHAYA**

**IKOTA:3**

| **ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA** | **UNXULUMANISO** | **IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA** |
|---|---|---|
| PF 6:**UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI**<br><br>GH 3:Sebenza ngezivakalisi ngo-<br>o Kudibanisa izivakalisi ngezihlanganisi ukwenza isivakalisi esimbaxa;<br>o Kusebenzisa izilanduli ngokuchanekileyo (umz:Akayenzi loo | **KWESI SIFUNDO**<br>PF 4:Ukubhala<br>GH 3:Yila umsebenzi ngo-<br>o Kubhalela iinjongo ezahlukeneyo izicatshulwa ezifutshane ngo:<br>o Luhlu olufuna nemisebenzi yeveki;<br>o Kwenza izicatshulwa ezilula ezibonisayo njengamacwecwe okubulela neeleta; | **Umsebenzi 1**<br>Abafundi benza umbongo wesilwanyana **umz:**<br>**Ukatana**<br>**Katana, Katana,**<br>**Uyaphina katana?**<br>**Ndiya edolophini.**<br>**Uyakuthenga ntoni?**<br>**Ndiyakutheng'umnqwazi.** |

| | | |
|---|---|---|
| nto);<br>o Kuchonga nokusebenzisa izibizo ,izichazi,izenzi,izimelabizo (mna,yena);[UMSEBENZI WOHLOLO 3 & 4]<br>o Nezihlomelo ezichanekileyo;<br>o Kusebenzisa ixesha eladlulayo nelizayo ngokuchanekileyo;<br>o Kusebenzisa iintlobo zezicatshulwa ezahlukeneyo;<br>o Kusebenzisa iziphumlisi ngokufanelekileyo uphawu lombuzo,ikoma;<br>o Oonobumba abakhuku amagama eendawo umz:eBhayi).<br><br>GH 4:Sebenza ngezicatshulwa ngo-<br>o Kudibanisa izivakalisi ukwenza imihlathi;<br>o Landelelanisa isicatshulwa ngokusebenzisa amagama afana : kwaze xa bebalisa;<br>o Kuchonga iimpawu zeentlobo | o Kwenza izicatshulwa ezilula ezifundisayo njengeeresipi;<br>o Kwenza amabali alula/ingcaciso yamava akhe/iziganeko;<br>o Kwenza imihobe neengoma;<br>o Kubhala isihloko esiphuhlisa umxholo.<br>PF 3:Ukufunda nokubukela<br>GH 4,3:Kusebenzisa izandi nolunye unakano lwamagama nobuchule bengqiqo njengezandi,izakhelo zemeko nokwenza uqikelelo ukwenzela ukwenza intsingiselo yesicatshulwa.<br>GH 6,4:Fundela ulwazi nolonwabo ngo-<br>o Kufunda izicatshulwa ezininzi ukuzonwabisa (umz:iimagazini,iincwadi eziyinyaniso ezihlekisayo).<br><br>PF 5:Ukucinga nokuqiqa<br>GH 2,4:Sebenzisa ulwimi wkucingeni nasekuqiqeni ngo-<br>o Esebenzisa ulwimi olufanelekileyo(umz:nqwa,ifana,injengale,ngendlela efanayo,yahlukile kwi-,yahlukile kule)<br>o Kuthelekisa izinto. | **Umnqwazi! Umnqwazi?**<br>**Oh! zange ndayibon'ikat'ethwel'umnqwazi!**<br><br>**<u>Ihashe likabawo</u>**<br>**Yavel'inkabi kabawo,**<br>**Yavel'ifosi yakuthi.**<br>**Yiz'apha fosi ndini!**<br><br>Abafundi banikwa umfanekiso onezilwanyana zasekhaya ezibini ukuze bona bazobe zibezithathu kwezingekhoyo.<br>Baxhoma imizobo yabo ebhodini kuxoxwe ngezikhoyo nezingekhoyo.<br>**<u>Umsebenzi 2</u>**<br>Abafundi banikwa izivakalisi ezibini ezifutshane bazidibanise ngala magama ( ngesihlanganisi):**kuba ,uze ,ukuba ,ukuze.**<br>1.Uhambe elambile.Bekungekho kutya. |

| | | |
|---|---|---|
| zezicatshulwa ezahlukeneyo (umz:ibali, imiyalelo) | GH 3,1:Sebenzisa ulwimi ekuphandeni nasekuphononongeni ngo-<br>o Kubuza imibuzo nokufuna ingcaciso,anike izisombululo nezinye iindlela zokusombulula.<br><br>**KWEZINYE IZIFUNDO**<br>**IINZULULWAZI NGEZEMBALI**<br>PF 1:Ukuphanda ngezembali<br>GH 3:Chaza ngomlomo nangezivakalisi ezifutshane iinkangeleko zamandulo ezifundwe kwimithombo,ukwenza imifuziselo,ukuyila imizobo,ukulinganisa nokudanisa(ukwazisa impendulo)<br><br>PF 2:Ingqiqo nolwazi lwembali<br>GH 1:Qonda umahluko phakathi kwexesha eladlulayo nelangoku,ngoko nangoku(ukulandelelana nexesha)<br>GH 2:Cacisa iingqiqo ezifana :indala ,intsha,ixesha eladlulayo elangoku,elizayo(ukulandelelana nexesha)<br><br>**MATHEMATIKA**<br>PF 4:Umlinganiselo<br>GH 3:Bala ixesha elidlulileyo: | 2.Bhala lo msebenzi.Wakugqiba uwungenise.<br><br><br>3.Ndiyahamba. Akafiki.<br>4.Andifuni nokumbona. Akananyani.<br>5.Hlamba msinyane. Uhambe kwangexesha.<br> <br>**<u>Umsebenzi 3</u>**<br>Abafundi banikwa umhlathi ngutitshala okwimo evumayo ukuze bona bawuguqulele kwimo elandulayo ngomlomo kuqala ze babhale kamva.<br><br><br>**<u>Umsebenzi 4</u>**<br>Umfundi unikwa isicatshulwa ekushiywe kuso izenzi nezimelabizo ukuze azifakele |

| | | |
|---|---|---|
| | o Ngokwemizuzu neeyure besebenzisa iwotshi;<br>o Ngokweyure nemihla,iiveki,iinyanga basebenzisa ikhalenda | ngokufanelekileyo kwincwadi yakhe yokubhala.<br> <br>**Umsebenzi 5**<br>Abafundi banikwa amagama alandelayo babhale izivakalisi ezikwixesha elizayo umz:<br>Inja iza kukhonkotha ebusuku.<br>Idonki iza kulayisha imithwalo evenkileni emva kwemini.<br><br>**Umsebenzi 6**<br>Utitshala unika isivakalisi baze abafundi basenze sibe kwimo yombuzo.umz:Ndiyakuthanda ukucula.Uyakuthanda ukucula? |



| | | |
|---|---|---|
| | | **<u>Umsebenzi 7</u>**<br>Abafundi banikwa isicatshulwa esithetha ngezilwanyana zasekhaya ukuze bona bafakele iziphumlisi,oonobumba abakhulu ngokufanelekileyo.<br><br>**<u>Umsebenzi 8</u>**<br>Utitshala ubonisa abafundi umhlathi obhaliweyo .Abafundi bahlela izivakalisi ngokwesakhiwo sebali umz:izivakalisi eziqala ibali ezisembindini nezisekupheleni kwebali.[besebenzisa namagama afana no(kwaze xa bebalisa)]<br> <br>**<u>Umsebenzi 9</u>**<br>Abafundi banikwa amaphepha-ndaba/izicatshulwa ezithetha ngezilwanyana |

| | | |
|---|---|---|
| | | bachonge izihloko babhale ngazo ezincwadini zabo. |
| **IMISEBENZI YOHLOLO:**<br>Ezomlomo,ukucengceleza/ukubonga<br>Ukubhala<br>Ukwenza/ukulinganisa<br>**INDLELA ZOHLOLO:**<br>Utitshala<br>Amaqela<br>Umfundi<br><br>**IZIXHOBO ZOHLOLO:**<br>Irubhrikhi<br>Itshekhilisti<br>Isikali sokulinganisa | **IZIXHOBO ZOKUFUNDA NOKUFUNDISA:**<br>Isicengcelezo ngezilwanyana(ukatana,ihashe)<br>Isicatshulwa/ibali<br>Iikhrayoni<br>Ipowusta yezilwanyana<br>Iimagazini<br>Izikere<br>Izincamathelisi<br>Amaphepha angqingqwa<br>Umfanekiso womgubo wengqolowa ,ibhotolo ,njl njl<br>Isakhelo seresiphi | **IZITHINTELO ZOKUFUNDA**<br>Abafundi abaninzi.<br><br><br><br><br>**OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA** |